SEASON OF HUMAN DIGNITY
dignity • ubuntu • botho

ISIDIMA SOLUNTU

JUYohane 13:1-20 – UYesu uhlamba iinyawo zabafundi bakhe

"Ngoko ke, ukuba ndizihlambile iinyawo zenu mna, ndiyiNkosi, ndinguMfundisi, nani nifanele ukuhlambana iinyawo."

HLONIPHA

PHULAPHULA

THANDA

AMKELA

QWALASELA ISIDIMA SOLUNTU

UYesu ubonisa uthando lwakhe kubafundi ngokubahlamba iinyawo okukwesicaka, oko kungumzekelo asibonisa wona kwindlela emasiphathe ngayo abanye abantu ngokunesidima nangothando ngaphezu kwako konke.

www.menswaardigheid.co.za

IMIBUZO EFUNA INQWALASELA NOKUXOXWA

- Sifunda ntoni kuYesu mayela nesidima soluntu?
- Angandisebenzisa njani uYesu ukuphatha abantu ngokunesidima?
- Ngubani owakhe wakumangalisa ngesidima soluntu?
- Ngubani onokummangalisa ngesidima soluntu?

CLF

BM BIBLE MEDIA

SEASON OF HUMAN DIGNITY
dignity • ubuntu • botho

HLONIPHA

ULuka 6:6-11 – Umntu owome isandla

"Phakama, uze ngaphambili."

QWALASELA ISIDIMA SOLUNTU

UYesu ubona isidingo sale ndoda eyome isandla ihlaselwa ngababhali nabaFarasi – kodwa uyibonisa intlonipho nenceba ngokuyenza ime phambi kwabantu bebukele ayiphilise.

IMIBUZO EFUNA INQWALASELA NOKUXOXWA

- Sifunda ntoni kuYesu mayela nentlonipho?
- UYesu ubahlonipha njani abantu ngam?
- Ngubani ondibonise intlonipho engummangaliso?
- Ngubani onokumbonisa intlonipho engummangaliso?

CLF

BM BIBLE MEDIA

www.menswaardigheid.co.za

SEASON OF HUMAN DIGNITY
dignity • ubuntu • botho

PHULAPHULA

UMarko 5:21-43 – Intombi kaYayiro

Aze kwaoko uYesu elivile elo lizwi lithethwa, athi kumphathi wendlu yesikhungo, “Musa ukoyika, kholwa kodwa wena.”

QWALASELA ISIDIMA SOLUNTU

UYesu akamphulaphulanga nje uYayiro ukuba eze kuphilisa intombi yakhe kodwa uyamkhuthaza kananjalo ukuba akholwe, ekubeni ebona ukholo lwakhe luhlaselwa ngendaba zokufa kwentombi yakhe.

IMIBUZO EFUNA INQWALASELA NOKUXOXWA

- Sifunda ntoni kuYesu apha ngokuphulaphula?
- Ingaba uYesu ubaphulaphula njani abanye abantu ngam?
- Ngubani okumangalise ngokuphulaphula?
- Ngubani oza kummangalisa ngokumphulaphula?

CLF

BM BIBLE MEDIA

www.menswaardigheid.co.za

SEASON OF HUMAN DIGNITY
dignity • ubuntu • botho

THANDA

UYohane 21:15-19 – UYesu ubuyisela uPetros

"Simoni kaYona, uyandithanda na ngaphezu kwaba?"

QWALASELA ISIDIMA SOLUNTU

UYesu ubuyisela ukumanywa kukaPetros naye nokummisela kwakhona kwisikhundla sobunkokheli kubafundi. Oku kwenzeka xa babencokola njengabahlobo. Emva koku uPetros wamlandela uYesu kwade kwasekugqibeleni wade wamdumisa uThixo nangokufa kwakhe.

IMIBUZO EFUNA INQWALASELA NOKUXOXWA

- Yiintoni esiyifunda kuYesu ngothando?
- UYesu ubathanda njani abanye abantu ngam?
- Ngubani okuthande ngokumangalisayo?
- Ngubani oza kumbonisa uthando olungummangaliso?

CLF

BM BIBLE MEDIA

SEASON OF HUMAN DIGNITY
dignity • ubuntu • botho

YAMKELA

UMateyu 9:18-26 – Umfazi owayenethombo legazi

"Ukuba ndithe ndachukumisa ingubo yakhe nje kodwa, ndophiliswa."

QWALASELA ISIDIMA SOLUNTU

Umfazi onethombo legazi uza kuYesu ukuba achukumise umqukumbelo wengubo yakhe. UYesu uyaguquka, ambone aze amphilise. Ukholo lwale ntokazi kuYesu lwamsindisa.

IMIBUZO EFUNA INQWALASELA NOKUXOXWA

- Yintoni esiyifunda kuYesu apha ngokwamkela?
- Ubamkela njani abanye abantu uYesu ngam?
- Ngubani owakubonisa ulwamkelo olumangalisayo?
- Ngubani wena onokummangalisa ngolwamkelo?

CLF

BM BIBLE MEDIA

www.menswaardigheid.co.za